IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, APRIL 13, 1885. [No. 24.

SITUATIONS.
Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally _L large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parti s advertising Vacant Situations.

BONISANI.

INKUNZ AN A yehashe engwevana, embo-mbo uneqina, etshiswe BR kwinyonga yokunene. Ubudala likowesine umnyaka. Ote wabanokuva umkondo ngalo wosingisa kogama lingezantsi. Wovuzwa oncedise ukufunyanwa kwalo.

MBAMBO RADEBE
Emyeni, Debe Nek, via
King W. Town

KANIPE UMKONDO.

BONISANI umfana kusoloko wemnka apa ngo kubanjwa,
; waya Emonti ngo January 1883.
Igama lake ngu Sanisi elinye ngu John Nkomo ; u yise ngu Jacob, ibala lake umnyama : lirwanqa mfu- tshani. Umnytu osilandise umkondo wovuzwa ngo kwaneleyo.

ISAAC A. MOTAUNG.
Zuurfontein. Tarkastad, March 6, 1885.

M. L. GERRARD,
Umteteleli kwi Ofisi yema-ntyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uyayifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abana-kuwahlaula amatyala abo ngokuba ama- pepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematyaleni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwanezinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izo kweliti, ayinike uminiyo imali kwa oku Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

R. W. ROSE-INNES,

Umteteleli-Ematyaleni,Umqinisi

WE MVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalnnikele ekuteteni amatyala abamnyama nakw'eminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemisebenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e- Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingisele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkuseli kwabana- matyala, waye kananjalo ebiza amanani afanelekileyo. I Ofisi ise Town Hall e-Ko- mani.

U Abraham K. MALO,

Umteteleli ema-Tyaleni,

ENGQUSHWA.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwitora, esinga pantsi ese- sitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

IMVO ZABANTSUNDU.

Abamnkeli beli pepa bayaziswa ukuba abanakutunyelwa irisiti (receipts) ngemali engapantsi kwe 10'. Ixesha abahlaulela lona boliqonda ngokulifumana nokungalifumani kwabo ipepa. Kuba kungatunyelwa mapepa kubantu abangahlaulanga kwa- ngapambili.

Kambe kule nyanga silindele inkozo zenyanga eziqala ngo May 1, 1885. Oku kubekiswe kwababehlaulele ezintatu inyanga kupela. Amapepa angahlaulelweyo ayakubabanjwade ifike imali yokuwa kulula. Abamnkeli bayacelwa ukuba intlaulo yabo bayise ekupeleni ko September, 1885, ibe 5/.
Abafuna ukuyisa ekupeleni

konyaka bangahlaula 8'.

Abantu abaqala ukulamnkela ipepa ekuqaleni kwalo nyaka bahlaulela inyanga ezintatu bayaziswa ukuba ixesha labo lipele ngo 31 March. Ingafiki imali yabo liyabanjwa ipepa.

Iveki.

U-MAJOR EDWARD oyinkosana kumkosi ke. General Warren okwela Bahlambeli usinge neqela elitile kwela Bamangwato. Lomzi ngosand' ukungeniswa pantsi kwepiko le Nkosazana.

INGXOWA ezipapa ngomoya (balloon) ezise-tyenziswa ezimfazweni za Mangesi ngoku zisezifikile kulemikosi ikwela Bablambeli. Zibamangalisile abantsundu.

U-JOHN INGLE & Co. wase Dikeni usesitu- beni sokuyinikela idliwe ivenkile yake.

INGQAKAQA izibonakalisile e-Vaalfontein kufupi ne Kleinpoort, kulandlela kaloliwe isuka e-Tinara iya e-Rafu

U-REV. JAMES DAVIDSON wase Mbulu ugaleleke e-Kapa ngenqanawa eyi *Garth Castle* ngolwesi-Ne oludluleyo.

SEBEKUFUPI nekulti abongelwa kwisiqiki sengqakaqa kwa Mfiki, e-Xesi.

IMVULA ezinkulu zisand' ukuna e-Bayi.

UMZI ka Mr. Sawyer wase Nyara obulu- ngiswa utshe wapela ngo 4 April.

NGENXA yomboniso wempahla nemashini bebebaninzi kanye Abelungu kulomzi ngale. veki.

ASAZI noktiba yinyanisona kodwa kutiwa mababe bakufupi neshumi elinesine abantu abagula yingqakaqa kumandla wase Debe Elukalweni.

UMBLELI welinye lamapepa ase Qonce okwa Qoboqobo ukalaza kunene kuba abantu abamnyama nakwindawo ezinengqakaqa be-yekwa bade babe nokungena nakulomzi.

KWINTLANGANISO enkulu ebise London patnbi kokuba lostemele wokugqibela andu- luke kugqitywe ukuba isikumbuzo sika General Gordon sibe yi Hospital enkulu eya- kumiswa e-Port Said e-Yeputa.

INTLANGANISO zokukumbuza ukufa kuka General Gordon zenziwa kwinto eninzi ye- tyalike nge Cawa yomhla we 15 March e- England.

U-HON. RICHARD SOUTHEY, obesakuba li-tshawe elilipakati elikulu lo Rulumeni kweli lizwe ngaparnbi kokungena kuka Sir John Molteno ufike ngenqanawa yokugqibela kwe- lilizwe evela Pesheya apo ebekona ixesha elide.

INTLANGANISO ye Titshala yase Nxnkwebe ebingo 3 April ibe yemfucshane kunene. Iqale ngo 3 yapela ngo 5 ukumnka komhla. Akuko zingxoxo zinkulu bezipambi kwayo nenani lo Titshala abebeyile belingeko. Ngo- kuhlwa ibe ngumculo.

INTO eninzi yezitora zase Bekesdonp ifungele ukuba impahla yayo iyakutwalwa ngu loliwe kupela.

KUTIWA Amabulu ase Transvaal aseleke alunqumla ucingo pakati kwe Ligwa nela Bablambeli. Lubehle kodwa Iwalungiswa.

IZITORA ezikulu zase Monti zibunga ukwa- ka indawo yokuhlambela uboya.

INTLANGANISO yabanynlwa bedolopu ezi- mele eli lase Maxoseni iyakuba se Komani ngolwesi Ne ukucinga ngeyona ndlela kaloli- we eyakulunga ukuhlanganisu lololiwe usu- ka e-Monti uya e-Bekesdorp nalowa usuka e-Bayi uya e-Colesberg nase Dayimani. Intla- nganiso leyo imenywa ngu Dr. W. B. Berry.

UCINGO ngoku selumiswe lwayakuti ga nge Mafikeng kwela Bahlambeli.

U-MR. SIVEWRIGHT obesakongamela ingci-ngo use Natal apo ahlola kona ingcingo zelo- zwe. Etnva kotyelelo e-Bloemfentein uya- kusinga Pesheya. Ngati wonduluka kweli ngo June.

ULAULO lwa Pesheya lubinqele pezulu lwe- ' nza inqanawa zemfazwe ngamashumi mabi- ni anesixenxe afunekayo.

ISIKULU esitile sase Delagoa Bay (e-Putu- keai) sizidubule kweziveki. Sizidubule besi- sifa lecesine.

BAKU 811 ngoku ababanjwa kwintolongo yase Kimberley, e-Dayiman.

NGOKU inani labantu e-Kapa liku 40,000.

U-MR. CLEVENLAND wangeniswa ngo March 4 kwisihlalo esipakamileyo sokuba ngumongameli we United States e-Amerika.

UNYANA omkulu we Nkosazana uyakuyi- qala ngaleveki ihambo yake yokuya e-Ireland.

NGOLWEsi Hlanu Iweveki engapaya Amatshaka amabini ayesilwa kumzi wase Natal oyi Durban. Enye indoda yabinzwa emlenzeni nase ngalweni ngemela katatu yenye.

ABAFUNDI bakunjuzwa kwakona ukuba lixesha betumele inkozo zabo eli zokuxasa elipepa. Inyanga ipelile kwabebeqale ngo January bahlaulela invanga ezintatu, eloninzi ixesha lipela ngo 30 April.

KUBUYE kwehliwa omnye umntu yingqa-Kaqa e-Tyume kwa Amos, Isekumzi omnye

Umzi ontsundu uyakuva ngosizi ukububa kuka Rev. E. D. Hepburn, obeke ese Mka-ngiso, obubele e-Stellenbosch ngo 5 April 1885. Umaneli u-Hebeni ubengumhlobo obebalwela emadabini abantu abantsundu.

U-HON. SIR THOMAS SCANLEN nentsapo unduluke Pesheya ngo 10 April.

Imvo zabantsundu

UKUMNKA KUKA MR. HAY.

INTETO yokugqibela ka Mr- WILLIAM HAY, ebonakele kwipepa abesakuba ngu Mhleli walo i- *Cape Mercury,* ibange inteto zosizi nokumnqwenelela indlela entle ezibonakele kumapepa onke ase South Africa. Koze kuti ngexesha eyakuti ibalwe imbali yalomhlaba yaleminyaka ilishumi idluleyo, igama lelipepa lingatabata indawo esezanzi. Wonke uyakuyivnma indawo yokuba lomntu ungu Mhleli nombali wendaba ubefanele ukuba nesitunzi pakati komzi esingengapantsi na kwesa upina umpakati osebenzana nesiko, waye kanjalo umsebenzi wake unexabiso ekuhlambululeni intlalo yabantu. Kungumsebenzi Womhleli ukukokela nokufundisa abantu kwizinto czilunccdo ekupileni kwabo. Yabe, kananjalo, lonteto inokufunyanwa kwincwadi efundisa ngokupatwa kwesikolo, eti " ubona utitshila sinjalo nesikolo " inokubekiselelwa nakumupepa endaba " njengokuba linjalo ipepa lendaba ba-" njalo nabafundi balo." Siqinisile ukuti isitunzi so Mhleli singaka ngangokuba ebefanele ukuqabuka kunene ngenxa yehambiso yaso kumaxesha azayo. Kantike kufuti kangakananina ekuti lamadoda alusebenzela kangaka ublanga maxa wambi nangapezu kwabalauli abuye atshokele kungalilwanga luhlanga, engakuzwanga engavunye lwanga kanjalo.

Asingi singacikoza. Lentshayelelo siyenza kuba kuko inkolo elukuni—kambe kunizi wama Ngesi—yokuba u-Mhleli nguinntu ongavelele nganto omakacengacengwe abukwe elixa asebenza ngepepa, epumile apo makalahlelwe bucala njengexolo lelamuni.

Kwamhla lamiswake elipepa liyi *Cape Mercury* u-Mhleli walo yaba ngu Mr. WILLIAM HAY. Pantsi kokupnta kwake lizifumanele udumo lokuba lipepa eliteta inyaniso, eliteta ntonye; elite ngengqondo yalo nokungakwekwi kwalo lazihlahlela ibala pakati kwamapepa endaba adumileyo apambili alapa e-Mazantsi e-Afrika. Njengokubake ngaleminyaka ilishumi igqitileyo eyona ngxoxo ibipokele ibiyenge Mpato Yabantsundu, etc yamana ukumisa icita amagqugula abalauli; zema ngayo i-Palamente, uteke u-Mr. HAY wavela emhlotsheni. Kukule micimbike etc i *Cape Mercury* yazenzela igama eiinewonga. lyiyo iyi *Cape Argus* yase Kapa ngamapepa awati ngeloxesha limdaka atabata icalo ekutiwa lelabantsundu. Xa sicikida ukiflba elicala labantsundu lelitinina sifumana ukuba licala elimele impato etambileyo, efanelekileyo yabantu abantsundu nakuba bezizityakala. Uteke u-Mr. HAY kwindawo yake yoku Hlela wayifeza eyake imfanelo ngohlobo olubange ukuba anconywe ngabo bebemcasile, atandwe, abekwe, atenjwe ngabantu abamnyama.

Sesite njengokuba linjalo ipepa banjalo nabafundi balo. Oku kuyinyaniso xa kubekiselwa kwi *Cape Mercury.* Ukuqala kwayo ukushicilelwa abamhlope base Qonce babefana nabezinye izixeko za Mangesi ukumcingela umntu omnyama nje-ngomntu omnyama nokuba angaba selenakupina ukwazi ngento zakwa mlungu. Asifihlisi ukuti nokuba ingaba zimvo ezinjanina ezinokufunyanwa kubantu base Qonce abamhlope ngendawo abati zizipako zohlanga abazibona kwabantsundu, akuko Mangesi nakuwupina umzi asoloko ehlalele ukukupaula ukulu- nga angaba unako ontsundu akumi- sele eyako indawo njenga Mangesi alapa e-Qonce, silibeka nxamnye i- Kapa. Kukuncinane angalila nga- ko ngempato ontsundu ozamayo ku Mangesi alapa e-Qonce awona alomzi kunokuba kunjalo kweminye imizi. Kwisiqibi esikulu okukuba nje kunokubekiselelwa kwimizamo yelinene elite, njengelizwi lodladulukayo entlango. alayaka nakuba beiicaswa emhlotsheni nangasese ukumela ubulungisa nempato yobuntu nehambiso entle kwabalaulayo ngapandle kokucalula.

Unyulo lokugqibela kwesisitili lwaye lulipike pakati kwihambiso ebisoloko iminyaka le imelwe ngu Mr. HAY, naleyo yempato erabaxa eyafumana ekutandwa kuba yange- niswa ngu Sir BARTLE FRERE. Kuteke kukumangaliswa komzi, owa- lusiti mabube abadesipile bempato erabaxa baninzi, kwafumaneka abe- cala lokuzola nemfanelo begqitise kude ngobuninzi. Ekubonakalayoke ukuba oko ate wakulwela, pakati kwenteto embi nentle, kuleminyaka mininzi kuhambise njengegwele ngokuzoliyo elide umhlambi lawu- tyutya.

Kuyeke tina bantsundu sifanele ukwenza umbulelo, esingancamiyo nangoku ukuba usayakuti umhlambi wakowetu ongamadoda akanyiselweyo amakulu namancinane wenze into ebonakalayo ayakumana eyikumbula naye, yokubulela lo Mhleli ukalipileyo, ote ngapandle kokutyekela kwintando zomhlambi omninzi wakowabo, wahamba kwezondlela zizukileyo zobutshawe ezizisa ukunconywa nodumo olungafiyo kwabo bazihambayo.

UNKONTELO ETSHOBENI.

IMINYAKA namhla iwagqibile ama-50 umhlambi ontsundu
wadibana no Rulumente, wadibana
nalamadoda amhlope, kodwa umzi ontsundu nanamhla indlala zisaqala ngawo, nobuhlwempu busabandezele kuwo. Sizatu sikulu soko, umntu ontsundu unkontele etshobeni le- nkomo. Oko kukuti wonke umntu upikele ukufuya inkomo. Kekaloku ayinadlelo, iyabutisa zindlala, ingenelwa zintlobo zonke zezifo ngenxa yokuba ingenapandle.

Imvu ebifuywa kudala nakuba ibinenqata kakulu, umsila utyeba kakulu, ayisafuywa, kuba ingazince- di intswelo zamawetu, ingenaboya. Namhla kufuywa igusha yonu ice- tywayo izincedeke ngoko intswelo zomntu ngemali yoboya isapilile. Nembuzi, nakuba inkulu ibonakala kakuhle ngapezu kwe seyibokwe, ko- dwa ukuze umntu ancedakale maka- fuye ecetywayo.

Makufunwe iqinga lokupila. Kuba ati amadodana kukade engena kwimisebenzana ka Rulumente ,yo-bupolisa, abuye engenamali, abuye eruqukile, eugasatandi ukupinda, xa tina besiba ayakufunda olulaulo, azuze nokubulelwa ekubuseni. Uti u-Rulumente imali yake nempato yake, nokuba ukutele, nokuba upapile, nokuba ubukali ekuhambeni amasela, noko ukupatwa kwako, nemalana oyizuzayo ifana neyamhla wangena. Nokuba iminyaka selimininzi akuko uke anyuselwe kwindawo zomsebenzi otembekileyo

Amadodana akololiwe akala ka- kulu,—esuka emakaya etenjiswe nge 3,'- ngemini. Ati mhla amnkela ingabiko lomali. Ikakulu adliwa ngabamnkelisi abafike baba ngabatengiseli babo utywala nento yonke oyifunayo uyitenga kumamnkelisi wako. Akuvunyelwa ukuba. uye kutenga kwenye indawo. Ati ama- dodana ayadliwa kakulu, ziti inda- wo ezilula angebetenga kuzo zaliwe. Nenkosi zamapolisa ezipete abantsundu seziko ezitanda ukwenza lendlela. Akafunike ukuya emsebenzini amadodana ngenxa yoko.

Amadodana afunde amashishini nawo ayakala, ati ngamanye amaxa i-Contractor iyakohlwa kukunika umsebenzi kumntu ontsundu kuba abasebenza pantsi kwake abamhlope bengavumi ukuba balingane nontsundu emsebenzini.

Ukuba intlalo injalo xelani Intu- ku ne Hodi: pandani pantsi Intuku yiniesilani yenyoka nenye into eninzi yamaramncwana angena emi-ngxunyeni. Ihodi yimesilane yamanye amakulu amaramncwa emingxuma, ozincanda. Nati masilime umhlaba kupela kwento eyosinceda.

Imazi yenkomo igqitwa le ngo-kwanda yimazi yombona, neyengqo-lowa. neyezimba Imazi yenkomo izala itole libe linye ngonyaka, ko- dwa ukozo lombona luzala 600. I- migca yombona esikwebini idla ngo- kube 16 zibe inkozo emgceni zi 40. Lontoke iba 600. Kantike xa intsi- kentle izikwebu ziba zibimi. Ibe kungoko inzala yemazi yombona li 1000 ngonyaka xa inkomo izala ito- le elinye. Oko kukuti ingxowa ive- lisa ama 40 or 50, kukwanjalo ema- zimbeni nasengqoloweni. Kodwa sipikele ukubambelela etshobeni le- nkomo. Noto namhla selimnta no- mlambo wezifo, wezititi, ingasa- mwezi umntu njengasemihleni. Si- qele tina ututi umntu xa awela umlambo uzele abambelele etshobe- ni lentomo ukuze angemnki nomla- mbo. Namhla kwezindawo umhlaba selumncinane, kumnka zona inkomo zimnka nomsinga wendlala. Kanye umntu makazamele ukupanda kwezi zingapandle indawo pantsi, awuse- benze awulime, awucotise ngenya- meko umhlaba.

Amanqaku.

UMHLOBO wetu oinhlope esiqinise- kileyo ukuba ukwangumhlobo wabantu bakowetu uti esibalela "Ndikolisiwe ku- ikuba ute wacela amawenu ukuba ancede Inkosazana, nditemba ukuba bayakwe- njenjalo kuba beyakufumana ukubabade benza into eyakubazela nento eninzi yamalungelo. Abantu base England bangavuyiswa kunene kukuzinikelaoku-njalo, baze benze imbuyekezo engape- zulu. Makukunjulwe kanjako ukuba pantsi kolulaulo esikulo akukolusizo kwabantsundu ngapandle kokuba lube luvela pesheya. Ndike ndafunda isiqe- ndu kwipepa la pesheya esiti zonke ikoloni zilunikile uncedo kulaulo lwa pesheya ngapandle kweyase Kapa. Hayi into ebiyakubantle ukuba elihlazo diindaka beliyakusulwa ngabantsundu." Sesacinga ukuba ibiyakuba lilungelo nge- ndlela zonke kuti bantsundu ukuba sizi- nikelele ukunceda u-Rulumeni wa Pe- sheya.

UMHLOBO wetu i *Journal* angahlala ngokonwaba ngendawo yokuba siwavi- sisile asiwavisisanga sinina amazwi ku Mr. Theron, M.L.A., olilungu le Paia inente lase Richmond olivelisileyo itupa lemfene. Lenteto ilandelayo siyikupa kwipepa lase Rini i *Journal*" lyakuba yinto yobudenge ukuba tina Mabulu siyakuti siyivakalise kwangoku into esiya kuti siyenze ngabantu abamnyama xa bete bayekelelwa lulaulo Iwa Pesheya kwezetu izandla, ngapambi kokuba sibe sibanikelwe." Wenjenjalo ukuteta uMr. Theron, M.L.A., unobala wembumba ya Mabulu. Kodwa ngati abantsundu sebe- yasi into ekuyakuba yiyo ngapandle kokuba bade batyelwe nga Mabulu. *Tmvo Zabantsundu* zinokuyiqasha into ayakuyigcakamela Amabulu bakubaseza- ndleni zabo abantsundu ngokukodwa kwiinicimbi enjenge yemihlaba, imfanelo zokuteta emicimbini yolaulo, nemfundo, njalo, njalo. Oku kunokubonwa kwi- nteto ezinjengezaniabandla embumba za Mabulu nempato yabamnyama kwela Bahlambeli nase Transvaal.

KWINGXELO yentlanganiso ya Mabulu ebise Bobotblo sifumana esisigqibo " Lentlanganiso ieinga ukuba kufuneka kumiselwe ngu Ruluineni umtelo obu-kali we Pasi, ze ezipasi zibe nesincama- tiselo. Oku kuvunyelwe emva kokuba bekwahlulelwene aza amacala alingana kwada kwavota umongameli." Sipaula ukuba kanti nala mabandla anokude ahlulelanena ngomcimbi we pasi ebukali Silila yindawo yokuba ingxelo ingavaka- lisi ukuba ipike belinganina kuba beku- qakuba mnandi ukukuva oko.

O-Titshala E-Gcuwa.

[iVELA KUMBALELI],

Inganganiso ye " *Mutual Improvement society* idibene e-Gcuwa (Butterworth) nge 31 ka March 1885. Iqalwe ago 8 o'clock, ngenxa yokungabiko komgemi sihlalo, intla- nganiso iqalwe ngu Nobala ngokuvuma ingo- ma yamashumi matandatu anambini, emva koko ucele u-Mr. Galela ukuba ataadase. Emva koko u-Mr. Galela ute iaihlalo tnasi. geinwe ngu Rev. T. E. Marsh, kutelele u-Mr. Joe J. Madubela, kwaxasa u-Mr. S. D. Ma- qina.

U-Mgcini-sihlalo obambileyo ucele u-No- bala ukuba aleseshe inqubo yentlauganiso •egqitileye, eyati yakuvunywa kwacelwa uku- ba u-Mgcini-Sihlalo abale elake igarna.

Emva koko kucelwe u-Mr. Sinyahla ukuba aleseshe, walesa " Food." Amanene atete ngokuq»ta noko akabebeta.

Emva koko kubizwe u-Mr. Maqina ukuba alese ngentloko. Ute ukuqala kwake "oko bendise Ngilaue bendingenguye u-Solomon, bendingu Robert Browning." Utsho sapu- nguza, sati sisate manga seva selesiti " How .they brought good news from Ghent to Aix. '

Site sisapulapula, seva selesiti " An old clock on the stairs." Ute akumana esiti " For never never never for ever " secwaka tu ngoku. Amanene atete kamnandi kanye. Emva koko kunikwe amapetshana e-" Sharp practice " ngu Nobala. Ate amanene ngo- kungayiqeli akaba nayikufeza ngexesha ali- nikiweyo. Kodwa alinga njengamadoda. Emva koko kubizwe u-Mr. P. T. Xabanisa olese ipepa nge " Tea Plant." Amanene atete kakuhle ngepepa lake nakuba kubeko ndawana angavumelananga ngayo. Emva koko kubizwe u-Mr. Lwana olese ipepa nge " Phonography." Bonke abapulapuli bate abazi nento ngayo kwanjengapambili. Bapaula nokungazindili pambi kwentlanganiso xa alesayo. Emva koko kubizwe owokugqibela u-Mr. Galela olese nge " Scriptures." Akugqiba ukulesa kume u-Mr. Lwana, wati izinto zase Zibalweni azifuneki kulentlanga- niso. Kuvuke ingxoxo ebete amadoda afu- dumala. Emva koko kucelwe amanene ase St. Marks ukuba atete. Kwimpi ka Qunta kuqale u-Mr. W. Daniel, kwalandela u-Mr. A. Zibi, kwagqibela u-Mr. P. C. Zibi. U-Mr. Galela ute intlanganiso makutiwe yi Mutual Improvement Christian Society. Uvele u-Mr. Lwana wayicasa lonto. Kubonakele emva kwenteto etde ukuba lonto yogqitywa kwezayo.

Indlela yokusetyenziswa kwemali kwintla-nganiso edlulileyo yocikidwa kwezayo. Nanga amalungu angenavo :—

' Mr. W. Daniel, Mr.'P. C. Zibi, Mr. A. Zibi, (St. Marks) Miss H. Bala, Miss E. Bala, Miss L. Bala, Mr. J. Mbasa, Mr. P. Mweli, no Mr. E. Fanti. Ezayo ngo June yoba yi Concert (imvumo), nokulesa ngo Mr. Galela. Mr. P. Zibi, Mr. D. Zani, Mr. P. Xabanisa no Mr. D. Maqina. Nokulesa ngentloko ngo Mr. W. Daniel, Mr. Joe Madubela, Mr. M. Sinyahla, Mr. P. Mweli, no Mr. D. Sobekwa. Amaqe- la okuvuma elokuqala lolungiselelwa ngu Mr. G. Pamla. Elesibini ngu Mr. B. Lwana, ele- sitatu ngu Mr. Jas. J. Madubela. U-Mr. J. Mazamisa woba yedwa.

Amanye amanene akabangako namanene- kazi asikeva mbangi.

Intlanganiso ivalwe ngengoma yamashumi rnatatu anesixenxe, kwatandaza u-Rev. T. E. Marsh, yapuma ngo 12 30.

Ilizwi E-Middelburg.

[UMBONELIJ

22 March 1885.

MHLELI,—Ndifuna nkuvakalisa kubantu abalunge naletyalikeyabantsundu base Wesle, ababangazekayo, ngenxa yokugxeka indawo yokubedeshela, ngokuti iyawa; imbi, indala, ilengalenga imiti emidala, abanye inuka ukutya okudala. Andinakupika nezinto zentloko zabantu. Ke namhla nditi ukuba okunene bemnkiswa yilonto, mababuye kuba nge 25 ka March oekubekwa ilitye lendlu entsha eqaliweyo nge 9 ka March. Imini leyo yayinkulu, nayo kwezimini. Aba- ntu ababeko babonakalisa kanye okwenene ukuba akwenziwa nto yamntu. Singati uni- nzi lwatsalwa yinto eyenziwa lusapo lwalo- mzi olwesuka kwindlu epakati edolopini r.po singena kona isikolo okwangoku, lusuke apo lucula, lufalile, abazali ngasemva, luxome i- English Flags. Yasuka yonke idolopu yahlokoma, ukusinga apo yakiwa kona ityalike. Abantu bona babeko ngokwaneleyo abamnyama nabamhlope nama Lawu. Kambe lomzi ngowa Besutu, ngabo abakayo. Kusakuba konke sekulungile libekiwe ilitye ngu Mrs. Carey umfundisikazi, ute xa atetayo kwa- lona lwaye lupetwe ngu Mr. G. Nqana. Into eyenziwa lusapo yabantle kanye, yavuyisa bonke ababeko. Yanga ingeyekwe, kanti noko yayekwa. Ke namhla sibikela izihlobo ezasishiya ezasishiya ngezizatu esizixelileyo ukuba namhla mazazi ukuba into ezazikade ziyifuna yenziw'ake solulindela uncedo lwazo, singavuya ukwamnkela uncedo lwazo, soyibona namhla inyaniso yenu.

Abalimi Base Ngcobo.

INGXELO NGENTLANGANISO YO-

MANYANO LWA BALIMI.

Ngolwesi-Tatu 4th March 1885, u-W. E. Stanford, Esq., umantyi womandla wase Ngcobo, esesihlalweni,—kwakuko izibonda nabantu, neqelana lamagwangqa (Euro- peans). u-Mr. Stanford waquba ebantwini ngokubonisa imfaneleko namalungelo okuba no Manyano lwa Balitni kulommandla.

U-Rev. T. W. Green elandele wahlala ka- nobom pezu kwemfaneleko zokulima ozingqo- lowa namanye amanyatelo okuqubela parnbi- li, njengokuzama ukuba nempahla elungileyo (Stockbreeding) ozigusha nozinkomo, kude kuye emahasheni.

U-Mr. W. J. Clarke, wacela abantu ukuba mabauxase lomoya wokuba nentlanganiso yo Manyano lwa Balimi, watsho wati, selezilu- ngiselele ukuba lilungii layo yena. Emva koku izibonda nabantu bafumana ixeshana lokueinga ngomcimbi lo.

Yabuya yangena intlanganiso, u-Thomas T. Poswayo waquba lkuba inteto le iyakoli- seka ebantwini, ibuleleka kanjalo ; azake la- manene alandelayo enyulelwa ebugoseni (officers) balon-yaka ukoyo,—

U-Mongameli W. E. Stanford, Esq. U-Mgcini-Ndyebo L. Farrant, Esq. U-Nobala Mr. P. D. Tshacila.

ABEGQUGULA.

W. E. Stanford, Esq. R.M.; W. J. Clarke, Esq.; Rev. T. W. Green; Messrs. Thos. Poswayo, J. Qoli, Ntaba, Veta, Mfundisi Xundu, Joel Dungane, Filepise, Timothy Danda, Shwaishwai Nkole, Tom Tshitshiba, Tiyo Zi- nganto no Jantyi Gcali.

Kwr.vunyelwana ngendawo yokuba ilungu likupe i-2/6 ngonyaka; kwamiselwa ukuba intlanganiso yokuqala ibengo 18th March 1885.

Ifikileke lomini kuftindwe indawo zentla- ngano yokuyilwa kwayo le kwavunyelwana ngazo—u-Mongameli esesihlalweni. U-Mo- ngameli uxele wacaza ubuko beziuye intla-nganiso ezinjengale kulamazwe angapakati kwada kwase Batenjini abapantsi ko C. J. Levey, Esq. Emva koko intlanganiso ite u-Mongameli kunye ne Komiti mabatenge intlobo ezilungileyo zengqolowa, ngemali

erolwe ngamalungu, ukuze umntu aze kuyitenga seyilapa xa afuna ukulima. Masendisiti isiqalo salentlanganiso sibe mnandi kunene sasesitembisayo. Ezayo yoba ngo 1st July 1885, iyakumana ukubako kabini ngonyaka. P. D. TSHACILA, Secretary,

Engcobo> 1 April, 1885.

SOMERSET EAST.

[IVELA KUMBALELI WETU.]

U K U F A O K U L I B H A Q O.

April 10, 1885.

Njengokuba kusazeka kuye wonke ubani, ukuba. ngomvulo (Easter Monday) ibiyiholide, kubekunjalo nalapa e Somer- set. Kunduluke into zika Bokolo kunye nezicakazazo, zaya kuzingela kumlanjana obizwa ngegama lokuba li Tyinirha. Kute kwakufikwa pi kwavuka imfene emanqina mabini enegama kwa njen- gomntu igama layo ngu James Nyanga, yamisa inyawo into ka Bokolo enci ngem- fakadolo yehlahle ehlezeni yanqunqa amanqe yazakupumela komnye umlenze yehla nawo yapuma ezantsi kwedolo kwapela kwalapo yagoduka inqhina kuba izigqibile itafeni ezikade zigqiba amata- kane egusha oku kude kwafa nemilenzi mibininje.

Hai! usizi lukanina nodade bake.

Zinyembezi ezingenamsuli; akuko nabani ubabnzelayo kuba kuseloko kwa- suduka ubuso be nkosazana (Queen Victoria) aza amatyala anikelwa kuma- gqweta lapalala igazi ngakunye Hai! ukuba baninzi abahlolokazi abamadoda abulewe zimbumbulu ngexesha loxolo. Akuko zwi kuba aba bulawelwa abane- mali yokuvuza amagqweta. Into embi nantwenizikoyo umka engaxolisananga nomdali wake lomfo ka Nyanga. Akuko lusizi lungango luka Yesu ngenxa yalom-pefumlo ulahlekileyo. Lumka ke ndo- dana ungabaqwa njengomlingane wako lo.

Ezababaleli.

IMBANGI YOSIZI E-DAYIMANI.

Kimberley, 9th April 1885.

NKOSI MHLELI,—Ndipe isitutyana sala-mazwana, ndipendule kulenteto ka Tshananda Bolilitye. Nditi kuwe sihlobo Bolilitye uyafikana apa e-Dayimani, lento ukalayo yilempato upetwe ngayo? Nditi ke kuwe uyibangelwe ngamakowenu ; iti nditsho nganina ukutsho oku, mandixelele wonke onawo lombuzo ngakum, ndi- ti kwindawo yomsebenzi ute wena info wase koloni wakutika apa e-Dayimani wati, akufuni ukusebenza estoreni, nase- venkileni, wafuna ukusebenza emngxn- nyeni, ukuvumele umfo omhlope, usebe-nzile umfo wase koloni wanelisa umxelo wenkosi yake emqeshileyo. Kute tapu pambi kwake um-koloni enkulu i-Dayi- mani, yayiti tasi inkeu, yasa ekwazini kwayo. Hoke, kute kusakuhlwa apuma amadodana asinga apo kucitwa kona into ezinjalo, yazuzwa iinali kunene, ke nge- ngomso lomlungu makafune zimbi izica- ka, nina nisasele, yoti yakupela niqalele kwase qondweni ukuya kufuna isebenzi. Enye into yomfo wase koloni uftina uku-ya kumngxuma onazo kakulu. Nditike kuwe uyazina ukuba nenjenjalo, ukuba- sebenza kwenu abelungu balapa e-Dayi-mani, yiyoke lento sewutika kunjenjeke wena, umlungu woniwa, ndiyashiya uku- kunika isisusa sezinto mbini, ukuvinjwa isebenzi, nokunikwa iveki ufuna umlu-ngu, nazo izizatu.

Ndim

TANDA INYANISO.

Impawana.

Ose Tyume uti:—Amadoda afileyo yi-ngqakaqa matandatu, abantwana bata- ndatu, umfazi mnye. Kade kulingwa ngu Chief B. Mabandla kwasweleka abancedi ukuba ukuba abantu mabanga- hambelani, kungoko ukufa kwandile- yonje apa kwa Mabandla. Umfana we-nkosi yctu ngumfana oqabukileyo uku- kangela xa konakalavo.

***

NDIVA ukuba seliyinkungu nelauga abantu abamhlope nabamnyama kwi- sitishi sase Gqili abakangele ukuba bafnmane umsebenzi. Uloliwe akaka- sungulwangepike elikoyo e-Dayimani ngendawo eziyakuba kuzo izitishi. Kakamsinyane kodwa lipelile ipike elo uyakumbiwa kwindawo ezine ngaxesha nye: ezizezi, wotatyatwa e-Kimberley asiwe kwindawo yentlangano; kwintlan- yano nase Kimberley abekiswe emlanjeni eGqili ; nase Gqili, ek'oko ukusinga e-Dayimani. Kambe kulindelwe ukuba agqitywe kwisituba senyanga ezisixenxe.

*** '

